

# WENA NOMASIPALA WAKHO



**HOAP**

ICEBISO KUBANINI-ZINDLU INCWADANA YOLWAZI



## AMALUNGELO NOXANDUVA



Njengommi woMzantsi Afrika unamalungelo amaninzi ekubandakanywa kuwo ilungelo loku:

- Vota;
- Ukwaziswa nokuthatha inxaxheba kwimicimbi yaseburhulumenteni;
- Ukuphathwa ngendlela eyiyo ngabasebenzi bakarhulumente (*Batho Pele Principles*);
- Ube nemalungelo afanelekileyo kwizindlu, amanzi nemfundo.

Amalungelo asoloko eqhakamshelana noxanduva. Amanye amaxanduva ngala:

- Ukuhlawula irhafu, umzekelo, irhafu yendawo ohlala kuyo;
- Ukuhlawula izinto ozisebenzisayo, umzekelo, amanzi, umbane;
- Ukuthobela imithetho, Imithetho yokwakha nemithetho yokuqhuba endleleni;
- Ukuvota ngexesha lolonyulo.

## Yintoni umsebenzi wabaphathi basekuhlaleni?



Emzantsi Afrika sinamanqanaba amathathu kurhulumente: Urhulumente kazwelonke, urhulumente wephondo kanti nowasekuhlaleni.

Urhulumente wasekuhlaleni, okanye abaphathi basekuhlaleni ngabona bakufutshane ebantwini kuba ngabona banoxanduva lwazo zonke izinto ezichaphazela abantu kubomi babo bemihla ngemihla. Kwiindawo ezininzi abaphathi basekuhlaleni kudla ngokuthiwa yikhansili okanye umasipala. Abaphathi basekuhlaleni kufuneka babandakanye amaziko xa eyila into. Kubalulekile ukuba, indawo ohlala kuyo kunye nemibutho yasekuhlaleni ithathe inxaxheba ekuyileni into eyenzekayo kwindawo ohlala kuyo.

## Yintoni uxanduva lwabaphathi basekuhlaleni?



Phakathi kwazo zonke izinto, uxanduva lwabaphathi basekuhlaleni kuku:


- Bonelela ngezinto ezinje ngokunikezelwa kwamanzi, umbane, ukugcinwa ngendlela eyiyo umsebenzi kwiindawo zelindle, ukuthathwa kwenkunkuma, ukugcinwa kakuhle iindawo ezivuleleke kumntu wonke, umbane wasezitaletweni;
- Ukubonelela ngamancedo ezinto zasekuhlaleni ezinje ngamathala eencwadi, iikliniki, iindawo zokudlala abantwana, namabala ezemidlalo;
- Ukuyilwa kwendawo (kubandakanywe izinto eziphuculwayo ezisayilwayo ukwenzelwa ukuba zivezwe kwimfuno zezindlu), ukusetyenziswa kommandla womhlaba, imithetho yolwakhiwo;
- Inkuthazo yophuculwa koqoqosho ekuhlaleni njengokuthengisa ezitalatweni okanye kwiindawo zokuthengisa zasekuhlaleni;
- Ukugcinwa kweendlela, ukwenziwa kwendawo zokuwela zabantu endleleni nezibane zokulawula abaqhubi bemoto (robhoti), ukwenza izithinteli kubalekisa kubaqhubi beemoto, iibhulorho zabahambi ngeenyawo kwaye kwenziwe nesibonelelo sezikhuseli kubantu abalinde iibhasi neeteksi kwizikhululo zazo;
- Ukuliwa komlilo;
- Unikezelo nelaseni kubantu abarhweba ngotywala nangezinye izinto.



## Abaphathi basekuhlaleni bayenza njani imali?

Eyona mali ingundoqo bayifumana kwimali ehlawulwa ngabantu yerhafu nakwimali ehlawulwa ngoosomashishini.


Abaphathi basekuhlaleni bayayilungisa iingqiqo-mali yonyaka, nto leyo ekuxelela ukuba bajonge ukusebenzisa malini kwaye zeziphi na izinto ekufuneka baqale ngazo. Unalo ilungelo lokwenza iingcebiso ngengqiqo-mali yabaphathi basekuhlaleni.



## ELONA CEBO LIBALULEKILEYO LELI:

- Sebenzisa amalungelo akho njengommi waseMzantsi Afrika kwaye thatha inxaxheba kwimisebenzi eyenziwa ekuhlaleni.
- Xelela uceba wakho ukuba zintoni na iimfuno zakho. Baxelelele ukuba bakunike into oyifunayo.
- Hlawula irhafu yakho neendleko zezinto ozisebenzisayo!
- Yibange into yokuba umphathi wasekuhlaleni ayindwendwele indawo ohlala kuyo kwizinto ezithi zikuchaphazele.

## Ngubani umphathi wendawo ohlala kuyo?



Oceba bayonyulwa kulonyulo lukarhulumente wasekuhlaleni oluthi luthathe inxaxheba emva kweminyaka emihlanu. Zimbini iindidi zooceba:

- Ooceba bamacandelo aba bonyulwa ngabavoti kwindawo ethile ngokwemephu ukwenzela ukubonisa iimfuno zabantu kulo ndawo.
- Ooceba abamela imibutho yabo (babonakalisa ukwalamana) bona bonyulwa yimibutho yezopolitiko kwaye babonisa iimbono zombutho wabo. Amagosa ngabantu abaqashelwa ukuphatha imisebenzi yorhulumente wasekuhlaleni. Banikezela ingxelo kooceba abahlangana rhoqo ukwenzela ukuthatha isigqibo kwizinto ezibalulekileyo zasekuhlaleni. Ungazibona iikopi zemizuzu yekhansile nemigaqo emisiweyo kwithala leencwadi okanye kwii-ofisi zikamasipala.

Njengomntu onomzi nomvoti ooceba bakho kufuneka bakuxelele ngezinto kwaye bathathe nemiba ekuchaphazelayo. Unalo nelungelo lokuzibandakanya neentlanganiso zekhansile uxoxe kwiinkqubo eziyilwayo phambi kokuba ikhansile iziphumeze. Akukhathaliseki nokuba khange uvotele loo ceba umele loo ndawo uhlala kuyo.

## Yintoni uyilo lokufezekisa impucuko



Yindlela yokuba amaziko athathe inxaxheba ekuyileni nasekwenza ingqiqo-mali yorhulumente wasekuhlaleni. Umphathi wasekuhlaleni usebenzisa olu yilo ukulungiselela oku:

- Ukwenza imbono eza kuthatha ixesha elide ukulungiselela impucuko (iminyaka elishumi)
- Ukuphucula isiqingatha sexesha lokufezekisa olo yilo lwempucuko (iminyaka emihlanu)
- Ukulungelanisa iimfuno zasekuhlaleni, zoqoqosho nezinye zempucuko (impucuko ezezekisiweyo)
- Ukusebenza ngamacebo nengqiqo-mali zonyaka ezicacileyo;
- Ukongamela nokuhlola iimpumezo nonikezelo.

Abaphathi basekuhlaleni ayinguwo wodwa umbutho onokuthetha nawo.

Eminye imibutho enoxanduva lokunikezela abantu izinto ezithi zikuchaphazele ibandakanya:



- Umbutho wamapolisa (SAPS) ukukhusela ulwaphulo-mthetho
- Isebe lezemfundo lwephondo ukulungiselela izikolo
- Umzi woololiwe: koololiwe
- Umzi webhasi : uGolden Arrow
- Amasebe okunyanga ephondo : izibhedlele, umsebenzi weAmbulansi, iikliniki
- UTelkom : kwimisebenzi yemfonomfono enomnxeba
- Kwezinye iindawo umbane aziwubonelelwa ngurhulumente wasekuhlaleni, zithi ziwunikwe nguEskom okanye ezinye indawo ezivelisa umbane.

### Iingcebiso:

- Hlala usazi ngezinto eziqhubekayo kurhulumente wasekuhlaleni ngokufunda izilumkiso kumaphepha-ndaba, nakwii-ofisi zikamasipala okanye kumathala eencwadi
- Funa ukuba uhlala kweliphi na icandelo (ward) kwaye ngubani na uCeba wakho.
- Mcele uCeba wakho ukuba aze axelele abahlali ngento ayenzayo kwindawo enihlala kuyo.
- Mxelele ngeemfuno zenu zasekuhlaleni okanye ngemibutho yasekuhlaleni eninayo kwindawo enihlala kuyo ukwenzela ukuba anixhase.
- Unakho ukumbuza uCeba ngento eyeyekhansile. Ukuba akanampendulo kufuneka aphande aze kukuxelela.



### JONGA EZINYE IINCWADANA NGOKU:

- Ukwazi ngerhafu nezinto ezihlawulelwayo
- Ukufunda ityala lakho likamasipala



CITY OF CAPE TOWN  
ISIXEKO SASEKAPA  
STAD KAAPSTAD

Ipapashwe Development Action Group  
101 Lower Main road, Observatory, 7925  
Umnxeba: (021) 448-7886 • Ifeksi: (021) 447-1987